Izifundo Zezibhalo.

IBANDLA LEZIZWE EZIFUNDA IZIBHALO.

ICAWA, 29 MAY, 1898.

Isidlo se Nkosi. Mat, xxvi: 17-30.

Le yindawo ebanzi. Kuninzi okungatetwayo ngayo. Make siyikangele. Inkosi ibayalele bonke abakolwayo Kuyo ukuba basidle eso sidlo bakumbu- le Yona. Uyazazi intliziyo zetu, uyazi ukuba kulala ukuwalibala amazwi ate- tiweyo, kodwa kunzima ukuyilibala into eyenziwayo, kungoko iti masenze into ukuze sibe nokuwakumbula amazwi Ayo. Yintwana encinane asicela ukuba senze yona, kukutya nokusela, kanti inentsingiselo enzulu. Isikumbuza ukufa Kwayo, ngalomzimba ungcwele wava intlungu ngenxa yetu, nelogazi linqabileyo lapalalela izono zetu. Kwa- ngokunjalo isibonisa ukuba ngezinto sinobomi banapakade. Njengokuba ukutya nokusela kugeina imizimba yetu, ngokunjalo ukwamkela u Yesu njengo Msindisi wetu simtembe nge- ntliziyo zetu kusinika ubomi bompefu- mlo. (John vi: 57.) Kanjalo kuyasinceda ukuba sikumbule idinga lokuba Inkosi yetu iya kubuya, isitate siyoku* hlala nayo (v. 29) kuba iti masisoloko sisenza esi sidlo " ide ifike " (I Cor II: 46).

Nanzo izinto emasizikumbule zontatu, kuba ngalo lonke ixesha esitya esi sidlo uti kuti, " Kumbulani ukuba ndafela nina. - Kumbulani ukuba nipile Ngam. Kumbulani ukuba ndiyakubuye ndize.

Kufuti siteta sicula ngegazi elapalale- la tina; ilungile lonto, kanti asifanele kuwulibala umzimba ka Yesu owani- kelwa tina. (Luke xxii: 19.) Igazi lisifundisa uxolelo. Unfzimba usifu- ndisa ukungcwaliswa. Ukuba u Yesu wawunikela tina umzimba wake, besi- fanele ukumnika imizimba yetu.

Mhlobo! ungawucukucezi umzimba wako. Ungacingi ukuba sisitintelo sompefumlo wako, Ungakatazeki ngenxa yokuba zininzi izinto ozifunayo, intlungu zawo zininzi, uza kutshabalala kamsinyane. Wunikele e Nkosini umzimba wako. Wuhlambele Yena. Wutyisele Yena. Wunxibele Yena. Mcele awungcwalise ngoku, awenze itempile Yake (I Cor. vi: 19-20) ukuze awuvuse ungcwalisekile i gemini yoku- gqibela. (II Cor, iv; 10).

INCOKO.

Kwenye indlu. sihambile, indoda ilese penjenje: "Nina bafazi watobeleni iwenu amadoda njengase Nkosini." patsho yati: "Tandaza Mandlangisa." Baye ugamadolo pantsi; u Mandlangisa standaza : " Ewe Nkosi uti wena : ' Madoda babekeni abafazi benu.' Amen." Kuqutyiwe apaphi ?

Enye idyongwana kweze sinala ka Tato ebisand' ukupuma esinaleni, yavakala iknmsba yakubona ijoni liini ngakumfazi wayo, isiti: "Vat suku di joui ngaku Notsaweapa?" Guquqn ijoni lamngsna nge walking-stick. Ite inkewu: "Dar sele groote skaade, was tufana hius! "

Enye inxhunxhu yati kanti ayisazi nto ngekaya; ite mhla yagoduka yafika uninalume ebotshelelwe, Ite : " Malume kuteni ubotshelelwe nje?" Uninalume: " Aadazi mntwana warn; kauze apa ndipuze." Ute akuya omnye suka watiwa nko emlonyeni ukulunywa. Wahlala apo imini yonke abantu beye kuhlakula. Kanti unina lume wangenwa lugezo.

Ke kwavelwa ezinye intombi ziteta ngomfana obesand' ukufika esixekweni sazo. Ivakele isiti enye: " Akamhle simanga." Enye ite : " Mawo, lowo yena ugqobokile, ningazipoxa." Ite enye: " Kwau, hayi lo Moya ; ibiyini ungangeni ko nantsi aba, usike uman' ukuketa imiti emide nje ? "

Omnye umfana wati akuba engayifumani isoliti yentombi abefuna ukutshata nayo, wavakala seleteta kakulu esiti: " Awu, kade ndifuna Ingelosikazi andayi fumana ; ngoku ndiya kuyinyula nckuba kusesi Hogweni." Zintombi ninqabile hi?

Abanye baya watanda awabo amakosikazi. Ipokele iyodwa enye, yaviwa xa iti: " Lomfazi warn ndimtanda 'de kuti rha."

Ehla! Amakolwa no Satana. Kube ngehla into embi sekusitiwa yenzlwe yinkewu enkulu. Kuko oti waka wambona ngamehlo u Satana enqamla indlela kwi Tafa le Ntonga ehamba ebhomboloza esiti: "Yo! yo! yo! yo ! Hayi abantu bomhlaba. Yaba ngantwana incinane sekusitiwa ngu Satana." Utsho enqamla indlela; akahambi nangayo. Inkohlamutu kukuba umqonde ngantonina ukuba nguye.

Abelungukazi aba ngabantu abanto zinaxakayo umntu ngamanye amaxesha. Pesheya, e Paris kuko ifishini yokulunxiba ufudo olupilileyo, lubotshelelwa ngomxokelelwane eegolide emqaleui, ujinge esifubeni (ukuba lunaso), Kutatwa imfudo ezisencinane; amaqokobe ahonjiswe ngamatye anqabileyo. Ati ukuba lemali kufeketwa ngayo ibite yabelwa amahlwempu !

Elinye inenekazi lenza umtshato we zinja zalo. Umtshakazi wanxiba llokwe yesatina, ihonjiswe nge leise zemali; waza umyeni watsho ngomtlka omhle kunene, kuko nabapahli. Akuqondakali ukuba zayipendulana imibuzo.

Enyeintokazi emhlope eyayingumhlo- lokazi—yayinomkwa wokuti yakuhamba isidumbu sendeda simbiwe, siye kunewatywa kulondawo sukuba ihambele kuyo. Seyiwenze kntatu lowo mgudu. Indleko zimayela ne £90.

Yaka yati i Jaji: " Ucinga ukuti indoda yako ndiza kuyigwebela entolongweni ekubeni wena uyigibisele kahlanu nge ntsimbi, yona yakugibisela kwakanye?" "Ewe ndiya yiqonda lonto jaji; kodwa ke leyo yayo inye indibetile," yatsho lentokazi imhlope.

t t t

Angati amadodana amntu mnye atsha- te intombi zamntu mnye, sazeke kuko into ezityekayo kwintombi zalomzi. Ukuba kuko eseleyo amadodana ngesele ziposa kuyo.

t+ +

Pesheya ke kwatetwa yi Jaji ityala lokwapulwa kwesitembiso somtshato yindoua. Kubekwe pambi kwamatyala, ngendlela yobungqina ileta eziliwaka lina manci mahlanu anantatu, ezibalelwe intombi lisoka elo liuqibikayo, Ayibanga sawenza made i Jaji. Ite emva kwe nkita engaka akusekwanteto, yatsho ya- mgweba umfana ukuba ahlaule ikulu eliuamashumi amahlenu eponti ngokwa- pula idinga.

Abanye bayakuti ezi leta yinkanqa wayefanele ukotuswa bubuninzi bazo umgwebi. Kanti ke nanamhlanje iba zi mfumba incwadi zezafobe zabatsha. Kuhamba incwadi pakati kwezo zidalwa, zihanjiswa zintambo ezisisimanga zota- ndo. Sikumbula abanye abafiliahana iminyaka eli 11; kaucinge ke inani leleta emazibe zahamba pakati kwabo ngelo xesha—yinia!

Ileta zomlisela nomtinjana zikolisa ngokuba nde xa kubhale[wanwayo. Kodwa noko ababaninzi abangabhala ende njengenye eyayibhalwe yiayongo ibha- lela intwazana eyayiyinlisha, Izalise amapepa angama 68. Ekungazekiyo ukuba yayiseyinina kangakol Kanti enye yagalela yagqitisa nakuleyo yenza umtyabulo owazalisa 400 amapepa. Sazeke singavuyi ngako eso sitandwa sibhalelwe ololwandyula. Sibe singavu- yayo inde nakunoko. Zinjalo indlela zotando kwinto zalowo mkondo,

Abantwana bake bahlekise abantu aba- kulu ngamanye amaxesha. Okunye inkewana eyayino yise obhala kakubi kunene, ibone ngenye imini impukane ingena eqageni le inki. Iyitatile lentwana yayibeka pezu kwepepa, yamana iha- mba impukane kulo. Iyikangele yayi- kangela lentwanayavakalaisiti: "Mama, kangela lempukane ibhalisa okuka Tata!

Umfana owayefundisa esikoiweni se Cawa, ngenye imini wayecaza ubuhle bezulu neziyolo zakona, waza ke wabuza ukuba bacinga ukuba ngabantwana aba- njanina abaya ezulwini?
Enye intwana yapakamisa isandla.
" Kautsho ke sive," itshilo ititshala.
Inkwenkwana: " Kuya abafileyo! "

Enye intokazi eyayimana ixelela um- ntana wayo ngezulu nengelosi, nokuba abantu abalungileyo baya kona bakufa, Ivakele isiti lentwana:
" Mama, u Mr.---------fanukuba uyinge- losi, unepiko elinye, kuba ingalo yake yayinye, hi! " t t t
" Tata, ndiyakuba ngumfundisi ndaku- kula," yavakala okunye isitsho inkwenkwana engu Tom. " Ngokuba, mntwanam ? " utshilo uyise.
Inkwenkwana: " Ukuze ndibe nokute- ta xa ndise tyalikeni,"

E Chicago, kwelase Melika, banendlela entsha yokuhambisa isitya seminikelo etyalikeni. Asihanjiswa ngabantu ; umfundisi ucukumisa kwindawo etile, suke isitya sizijikeleze zonke izitulo, sibaleka ngocingwana olwenziweyo.

Amadodana amabini atyelele ndlwini nye enebhotile yotywala awayeyisela, Kute kwakulalwa wavuka omnye waya kuflncelela intwana ebisele ebhotilenl, wabuya walala, Wotuswe kukuva abo egungquza ngati kuko into ayifunayo, " Ufuna ntoni emnyameni? " ubuze watsho.
Omnye : " Hayi, andifuni nto."
"Ukuba ke akufuni nto, kangelfi'lig ntso ibhotile entla, wofika kungeko nto."
Inkosazana u Vitoliya yalimala yenzakala ngokusuka ime ezitupini. Noko ahambayo, akanakuhamba ixesha elide, Selekolisa ukuqutywa ngekarana.
T .t t t
Indlavini zomtshato zisikupile, Enye indodana yayibeta ifleyiti ngomlomo, yati yakudinwa yayibeta ngempumlo, aye amantombazana edyusha kuquma intuli. Makalumke, amadodana ama Lau achitwa zikonsatina e Katala.

Kanjalo indaba zotywala azipeli, Esinye isibhongobhiyane sibulele umninawa waso sinxilile Sasuka samhlaba elisweni.

Lento yokuyilahla komntu into abedume kakuhle ngayo, aqale enye, imnika izote kwabanye.

IMIHLABA E CAWA.—Ngomhla we 10 ka May lo, e Cawa kwakutenginwa imihlala, batenga abantu aba'umkileyo abelunga, kwaza kwimpi yakowetu kwatenga bababini qa u Messrs. Ebdeu Mazwai no Jos Ngcezu. la Kubi kulusizi xa ababantu bengeva balitabate itameanqa xa lisenoknfikelelwa. Bekulindelske beyekutenga abase Cawa besongele ukuze bangabi safuduswa bani, ngokuba yilokishi endala le icandiweyo bafuduswa kuyo,

E Johannesburg.

■----------------—.+--------

[AMANQAKU ELETA ZETU],

Bati i Salvation Hall abasena kuyi qashiselwa abantsundu, ngesenzo kwasontsundu owabucitacitayo ubuhlobo.

***

Abantu bayaqala kaloku apa ukwazi ukuba kuko nento apa ekutiwa yi Mvo, efike yona itete ngomntu imbike ezweni lipela.

* *

-X-

Ngu Rev. E. D. Kumalo umfundisi omtsha wase Wesile. Ungomnye wamadodana awaye seluqeqeshweni ngu Mr. Lightfoot e Healdtown, walinga nawo i Matric—siteta omfi u R. Gudula, Rev. J. J. Jabavu, C. Kunene.

***

Siva ukuba idyongwana nedyongwazana zase mfutweni ziwunyabele umsebenzi wase Tixweni.

***

Ne Kwaya abase Koloni ngati abayise so-so. Kwawase Koloni amanenekazi ngala e Kwayile e WesileMiss Sannie Williams, Miss Paulina Mbinda, no Miss Jeremiah; kumanene ngu Mr. Mnyakama yedwa. Kufuneka ifolohaka toro ma Koloni.

♦

I Grand Easter Picnic yapela ngotando. Into entle eyabalulekayo bubuko bomfundisi wempi leyo u Mr. E. D. ;alo—owamkelekayo kwimpi yake.

Kubi kwabe bala (Cape boys) baya tshuishiswa slere ngalentsuku, kutiwa umxaka mawuqelane nengalo zabo uti nca bauqine kanye for good.

,. V .

Abantu kwi Lokishi yase Schoon Plaats abatyi ezihla ngomqala. Indoda ilala ipetwe zimvalo, kuba ononqayi baqekeza ingcango kwango 4 o'clock ekuseni, babhlisele ecibini esidikideni. Koba nzima ebusika toro, izialam zika Tixo zifela ibala, kuba esuke u Nkulunkulu wazidala mnyama; abantu kufeketwa ngnbo. Umsebenzi wezi Labour Agents uyintoni ke xa kukwesi situba? Iko eyase Natal neyase Koloni u Mr. Tillard.

* *

•X-

Omnye ukalazela Umhleli uti "Ngati akuziniki mzimba udiniweyo ngezimeko zetu tina apa e Goli; kube nawe wakuke uzokuti interview o President Kruger, o Dr. Leyds, o Judge Gregorowski no State Attorney, njengokuba ungumlomo wetu kweli lase Afuka? Ngumbuzo lowo Mhleli maupendulwe. Ukuba ufuna ikoleki, sokutumela tina imali; yitsho.—[Siyaqala ukuva ukuba singaba siyanqweneleka e Rautini. Sokangela.—ED.]

#

U Miss Sannie Williams uyasishiya uyagoduka. Akakufane alibaleke kwi members ze Reform Committee Company Singers.

***

Bati yi Grand Farewell Konsati eyenzelwa u Mr. Gabashane i Conductor ngu Mr. C. Chake—tsho tsho akuko.

***

Umana ka Chake bamyekele, kuba eyilwa yedwa indaba yekufakwa kwabantu ezi trokweni xa bagodukayo, kanti bahlaula full 3rd Class fares. Kahle kuba uti se izakuvutwa kaloku lonto. Sakubona fishi seukwele ema kalijini ugoduka.

***

Abafana bazakuba nesikwana elibi lokulwa yakupuma i Cawa. Kutiwa babang' intombi—Bas op! Bahlalel' ukubalwa amagama.

Ubutempile ekubeni i Rescue Temple ibixwalekile ngokuginyelwa imali zayo, ngoku iqutisekile, yatata amanyatelo obulumko; ngokuti ibe ne trustees ezingo Messrs. T. B. Vela, R. B. Kota, no S. Govo. Amalungu ale kwata amiswe ngoluhlobo: — C.T., Bro. H. M. Ntlabati; V., Bro. W. D. Folisa; Sec., Bro. S. Govo; Trea., Bro. P. Matsipa; Chap., Bro. R. B. Kota; P.C.T., Bro. T. B. Vela; M., Sister Catherine Njobe; A.M., Sister Mary Ann Fanti; I.O., Bro. J. Twala; O.G., Bro. Jim Panginyama.

%*

Kuyinyaniso ukuba u Mr. Edward Tsewu wazixolisa ngokusuke angene atiyopiye. Wayebekwa izandla ngu Tana ngomhla we 8 ku April.

***

Omnye owamkelelwe eku tiyopiyeni ibiftcekisa elidla amararam. Bekungeko mfundisi—-oko ebesengumfundisi apa e Rautini—obecase ukutiyopiya njengaye. Abelo pempe ebebabiza ngawo onke amaganyana amabi. Wada wati ngomnye, o T., aba sebengabafundisi nje asingabona aba izolo eli bebepala intloko zegusha? Ibingumfo obe nomteto ongqongqo kwiremente yake, umteto wokuba, nokubana uku tiyopiya kuyashumayelwa ecaleni lendlu makasuke umnini walondlu atate umnqwazi emke, angapulapuli nokupulapula oku.

V

Namhla simfumana umzalwana wetu, akuba etshelwe siceko kowabo, sesiya kwabaya bebesakupala intloko zegusha, esiti mabamamkele.

***

Zizokufika nase Rautini indaba zokuroxa kuka Rev. P. J. Mzimba. Wenzakele kunene umzi. Wonke ubani ezo ndaba uzamkele ngosizi. Omnye uvakele esiti makube kuza kutinina e Rabe? Inkosi yasibluta u Dr. Ross, namhla isihluta oka Mzimba, ekubeni besihlutwe oka Tsewu. Makube kuza kutinina ?

•

Imizi kaTixo manxiwa kupela,
Kumke bafundisi kulil' izikova,
Ezityalikeni kukwa mntulwana;
Kufiwe impela kusingwakwasemva.

%*

Futi mnye kupela ote wazivuyela ezindaba, ngu Mr. Tsewu. Nge Sabata yokugqibela ka April u Mr. Tsewu washumayela intshumayelo enamandla e Elandsfontein kwiqela elimlandelayo. Wayeteta ngokuroxa kuka Mr. Mzimba. Ute, xa ayigqibayo intshumayelo yake, unovuyo olukulu ukubaxelela ukuba omnye umfundisi odumileyo wase Rabe uziroxisile kwelo bandla. Wati uteta umfundisi wake u Mr. Mzimba. Utsho wasixela isimilo salomfo ka Mzimba, esircoma. Wamqala eluzwaneni wakumpuma entloko. Watsho wati, ngexesha awayefunda e Lovedale iminyaka emibini wayehlaulelwa ngumfundisi wake lowo umfo ka Mzimba.

***

Uqube wati, yindoda emadodeni lomfo ka Mzimba; asimfo ufane agotywe xa ibi°^ille b to yamcapukisa. Akafani no Mr. Makiwane abaya, abati into bayitete ze babuye bayiyeke. Yena (Tsewu) nakuba epumile e Rabe ebesengu " Ntseng'-ebbka," ekangele abomlandela. Nanko ke namhla oka Mzimba, umfundisi wohlanga emlandele, osimilo sihle, ofanelwe bubu Bishop, i Angati eyokungena kubo wa topiya ' abe yi *First Bishop of Ethiopian* (wawa- i tsho lamazwi ngokwama Ngesi). ;

** *

Lomincili ingako, Mhleli, yatsho igazi labanda, lehlela ezantsi. Kweqata ezingcingeni ukugxekwa kukaMr. Mzimba ngu Mr. Tsewu, kwincwadana apa awayesiti uyazitetelela ngayo, ekukutshweni kwake ebufundisini. Simbona lomfo ukuba " Licekisa elidla amararam." Yinina ukuba akuvuyele oku? Kanti wonke umzi ungamafikwana ango nxwe-mkunjana.

#

UDr. Leyds unduluka ekupeleni ko May lo ukusinga e Holland, apo ayakuba ngu Nomazakuzaku wase Transvaal. Umka etenjiswe i £15,000 ngonyaka kunye nabancedisi bake. Yeyona ndoda ibilaula kweli lika Oom Paul: njengo Prince Bismarck kwelama Jamana.

INTLANGANISO E GCUWA.

NGESIPO SOMHLABA.

! INCAZO YOMTUNYWA.

[NGUMBHALELI WETU.]

-11- •

Intlanganiso yama Mfengu idibene e Gcuwa ngo Mvulo, 9 May, 1898. Inkosi zama Mfengu ziko kakulu. Kuhlangene kuqala inkosi nabantu bazo kwindlu yamatyala, ingu Captain Veldtman esihlalweni. Intlanganiso enkulu idibene kwi Transkei Drill Hall, baye ababeko bengapezu kwewaka lamadoda. U Major Elliot esesihlalweni, kuko no Mndebele Thompson, M.L.A.

u MAJOR UTE;

Mamfengu, andinibizele ukuba uditete nani, kodwa nibizelwe ukuba kutetwe nani ngesipo somhlaba wase Mashona. Umcimbi wabantsundu ungomnye wemicimbi emikulu kwekoyo, wokokuba kuza kutiwanina ngabantsundu. Oku kubangwa bubuninzi nokwanda okukulu kwabantsundu, baye abantsundu, ngokukodwa nina Mamfengu, nandile ngobuninzi, nangobutyebi, nangobulumko, njalo njalo. Utete nange sipo sela Mashona, nokulunga kwesi sipq. Utsho wati—Nina Mamfengu seniminyaka i 60 nipakati ko Rulumente, waye yena enitanda, enondla; kodwa pezu koko akuswelekanga zinto zqkunibonakalisa ukuba animtembile nina u Rulumente. Niyatanda ukutyila isondo lengubo kwelinye icala, nikangele ukuba kuko ntoniua, Nenjenjalo nangalo Landipasi, niza kwenjeojalo nangoku. Nguye lo ke u Mr. Thempson oza kunibalisela ngesipo salomhlaba.

INTET0 KA MNDEBELE THOMPSON.

U Mr. F. R. Thompson, M.L.A., akuba esukile utete ngamalungelo abantsundu, wenza nebali lentsusa mabandla yesisipo. (1) Ute nipiwa indawo ezintatu—i Mbembesi, Matojini, ne Nyamendlovu, eseziboniwe zintlola zenu. Niya kupatwa zizibonda eziya kubizwa ngokuba zinduna. Kuqala konyuka iqela lamadoda eliya kuwubiyela lomhlaba ngocingo olukutshwe ngu Rulumente, aye lomadoda eya kubktalwa 35s. ngenyanga, nokutya (uingubo) yonke imihla, ze ngo Mgqibelo anikwe 2s. umntu atenge ukutya kwe Cawe. Imfuduko yonyuka ngesisa. Impahla yohlaulelwa inani elincinane. Baya kupiwa iminyaka emihlanu ukufuna lomali. (2) Indoda etshatileyo nengatshatanga, eminyaka i 25, yonikwa i-akile ezilishumi, ne taitile enesiza sendlu, ibalwe namalungelo empahla, kwanezimiselo zesisipo. Ndinga ningaqonda, zimbini kupela into ezifuneka kuni: (a) Ngumsebenzi kuni; *(b)* nokuba nikusele ilizwe xa lifileyo, nina nizuze umhlaba. Wonke ubani uya kuvelisa isiqiniselo sokuba usebenze inyanga ezintatu enyakeni, kungenjalo arafe iponti ezintatu—imali yamavila. (3) Utywala bomlungu abufuneki kulomhlaba, ofunyenwe enabo wodliwa kuqala iponti ezintlanu, okwesibini yoba yintolongo, okwesitatu agxotwe. Asisayi kumisa mteto wamivuzo kubasebenzi. (4) Niya kurafa i 10s. ngonyaka. Indoda yakufa umhlaba woba ngowomfazi; akufa ube ngowonyana omkulu. Awusayi kutengisa mhlaimbi wananise. Amasiko abantsundu ogcinwa apo angapazamisiyo emtetweni. Izibonda ziyakwenza i Biinga zidibene no Mongameli wazo.

IMIBUZO.

U Mr. Thompson, ependula imibuzo ka Captain Veldtman, ute ndingatembisa ukuba abafundisi bavunyelwe xa baya kuxaswa nini. Ute ivenkile azifuneki kulomhlaba ngokuba zinenkohliso kakulu ebantwini. Izibonda zelqzwe zonyulwa kwalapa ngoku ngu Meja; ziyakuba nomhlaba opindiweyo zona, zikululwe kwirafu yamavila. Ndinga ningandibuza yonke into eningayiqondiyo kuba makungabiko kungaqondi.

U Mr. Brownlee, umantyi wase Gcuwa, ubuze ukuba le rafu yamavila yoba ngunapakade na ?

U Mr. Thompson ute hayi, emva kokusebenza iminyaka ezeleyo emitatu wokululeka umntu.

U Rev. B. J. Ross ubuze ukuba lomhlaba wawumiwe ngabantsundu na kuqala ?

U Mr. Thompson : Ewe, ngapambi kwemfazwe yokuqala.

Rev. B. J. Ross : Wawune fiva na ?

Mr. Thompson : Hayi, ubungazange waziwe ukuba une fiva,

U Captain Veldtman ucele igqugula. Kwashenxwa ke ngama Ngesi.

IBHUNGA.

Isihlalo sitatyatwe ngu Captain, u Mr. S. Milton Ntloko engunobala.

Kufakwe imibuzo eminintshi.

Kuhlangenwe kwakona ngo 4 p.m.

IMIBUZO KWAKONA.

U Mr. Chas. Bikitsba ulese incwadi eyayibalwe ngumzi kwangapambili.

Kusuke u Mndebele Thompson. Ependula imibuzo ka Captain, ute iqela lokuqala liyakwaka izindlu kulemihlaba. Akuko mntu untsundu uyakuvunyelwa ukuba enze ivenkile pakati kwalemihlaba. Akucinezelwa ngemibuzo ute wovunyelwa ke ontsundu nomhlope xa umzi ufuna—amadoda alitoba eshumini kudibene no Mongameli emfuna. Yobako itaitile yalomhlaba. Niya kukululeka ukurweba napina apo nitanda kona, kodwa umntu abe ne pasi yenkabi nenqwelo yake. Umfana ose mncinane akakunikwa mhlaba. Akuko mntu uyakukululwa erafini yamavila ngapandle kwe Nduna, ngapandle kokuba avelise isiqiniselo sokusebenza inyanga ezintatu.

Umbuzo: Ukuba ukutale ulima ozihabile nento yonke, eyedwa, njalo-njalo, wotini lowo ?

Mr. Thompson : Hayi, onjalo akafuneki paya; makasale apa lowo.

Equba ngempendulo u Mr. Thompson ute i juri ayikabiko paya, ke ngoko andingenitembise ngobujuri.—Izitembu azifuneki kona.—Izikolo zofumana inxaso ye £10 xa zingezizo zahlelo. Aningevunyelwe ukuba nemipu, kodwa xa lifileyo noxotyiswa.

BAYE KUCINGA.

Ama Mfengu ate sisaya kucinga, ke ngoko sopinda sihlangane apa ngolwesi Hlanu, 13 May, ezinye indawo wozipendula lomini. Kuvalwe ngo Hure abatatu.

Impinda.

YACITAKALA INTO NGERAFU YAMAVILA.

Nge 13 May kuhlangenwe kwakona e Holweni.

U Meja utete ambalwa, wablala.

U "Mndebele" wenze ambalwa.

U Captain Veldtman, engumlomo wama Mfengu, ute, okunene Nkosi inteto yako wayigqiba. Nati sihlangene apa ukuza kulungisa indawana ezincinane nokubuza imibuzwana. Ama Mfengu ayaya kwelozwe, anga angaqonda ukuba imfuduko yoba ninina; aye ebulela kakulu u Meja ngenyameko ayenzileyo.

U Mndebele Thompson wenze inteto ngemipako nangokunyuswakwempahla, wati kanjalo ndinga amadoda anganduluka emya kwentsuku ezimbalwa, kodwa angalibali iveki.

Ute u Captain Veldtman, hayi kaloku, besekulungiswe nini. Enye into siyavuya imantyi zilapa nje, singa zingasinika izatifikiti tina sesakutshwayo kwi rafu yamavila.

U Mndebele: Hayi, asifuni madoda angasebenziyo, ngoko isatifikiti salapa asifuneki paya.

U Captain: Hayi, nkosi, yiroxise lendawo, kuyakutini ukuti abantu abakululwe erafini yamavilababuye benziwe amavila paya, kulendawo uti wena aba Mfengu ayasebenza ngapandle kokuqutywa ngumteto. Lamawaka angamashumi amahlanu u Meja ati ngonyaka apuma pesheya kwe Nciba, asimavila aqutywe ngumteto. Zizikutali ezihamba ngenkululeko; ke ngoko siyakucela ukuba uyiroxise lendawo.

U Mndebele: Hayi, andikuyenza konkena lonto.

Ama Mfengu: Hayi, asinakuyivuma nati lendawo. %

U Mndebele: Oh, kulungile, andiyingene lonto ; ipelile ke indaba.

Kwacitakalwa.

Omnye umbhaleli uti: —Yonakele imfuduko yase Mashona, ngokusuke kungavani entetweni u Mr. F. R. Thompson, M.L.A. nama Mfengu ngolwesi Hlanu. Zonke ezintsuku ebeba wona ama Mfengu ngnmhlaba opiwa nje ngoluhlobo Iwalo wapesheya kwe Nciba. Ekute ngolusuku, wacaca umnumzana ukuba lomhlaba uyakufunyanwa ngokusebenza nangokuzikusela. Otuka kakulu amadoda/ kuba ibingazange itetwe ngoluhlobo lemfuduko; kute xa kunjalo wafutshanisa umfo wasema Ngesini, ukuba niti intsha lenteto, endaziyo mna ukuba soloko nditeta yena—mayibe ipelile ke into ebesiti mkozi ngayo nani ma Mfengu, watata umnqwazi wapuma. Yaduduma yonke intlanganiso kwaba kupela. Lenteto ibiya kubantle ukuba ibinike-Iwe ku Mantyi omkulu, u Major Elliot, C.M.G. Kuba inene lase mzini lingaba beliba qondisa, kodwa akuko Mfengu ivumayo ukuba inteto ibisoloko inje ngale ibonakala kwi Mvo ZONTSUNDU. Bati ebemane esiti u Mr. Thompson impahla endala ayifuneki paya, ize niyishiye apa, niye nempahla entsha esaya kusebenza; nenkunzi azifuneki paya u Rulumeni wozifuna yena Sekuqondakala ukuba ubentsonkota, lomsebenzi w'amavila kunga visiswananga kuwo. Ezinye izibonda ziti mayibuye itetwe ngu Major Elliot lento, kuba ukuba ngumhlaba womsebenzi nowokuzikusela, maninzi amatsha ntliziyo angalungiselelwa ayokulisebenza elozwe ngemihlali, ahlale ke amaxego.

Iziganeko 1825.

[NGU SILWANGANGUBO.]

Sahlukana neziganeko zetu xa u Mshweshwe aka e Thaba Bosigo nge 1824, xa kananjako kufundwa oABC bokuqala lusapo Iwama Xhosa e Ncera, ukuyilwa kwe Dike, apo bafunda o A kona o Dyoba into zo Citashe bezintwana ezincinane. Lomaxesha kaloku lemali kutiwa yi School Fees ibihlaulwa zi titshala, ati umntwana akuya yonke iveki, azuze idosha nokuba sisitshetshe. (Kaloku oko belinge kabiko eligama le *mela, bekusitivM sisitshetshe).* Salibala ukukankanya inkumbi zalo nyaka ezacima ilanga.

1825.—Ama Qwelane kunye nama Bhulu apetwe ngu Koenraad Buys, angenela u Mshweshwe. Kunyakana yasekwa idolopu yase Somerset East.

1826.—Kukumxa kuka Somaseti (Lord Charles Somerset) apa ukuya pesheya, emva kokuba wasele minyaka ilishumi elinanye eyi Ruluneli—1814-1826. Kunyakana sasekwa isikolo sesibini sama Wesile—esase MKANGISO, esilandela i Wesleyville eyasekwa nge 1823. Lomzi noko ungavakaliyo namhla waka wamkulu. Kulapo bezipuma kona incwadi, intlobo-ntlobo zeucwadi ze mbali, nama Onio ne Bhayibhile. (" Izicatshulwa " kuseko umntu onazona ? Besifunda zona oko bekungeka biko Bhayibhile zizeleyo. Oko u Lizwi John i : 1, ibingu Logos, isiti lo vesi : " Ekuqalekeni ubeko u Lagos, waye u Lagos eno Tixo, waye ngu Tixo u Lagos kanjako." Ngezimini zangoku zokucaswa kwaba fundisi abamhlope uyazicukumisa intliziyo umbhalo ekupetweni kwencwadi oti:—" ISIHOILELWE NGESI sniCILELO SABA TUNDisi." Lo Mkangiso ke—le Mount Coke, kulapo bekushicilelwa kona incwadi zokuqala ngabafundisi abamhlope—aba namhla bangafunwayo.

1827.—Zalila e Gqutyini pakati komkosi ka Matiwana (Imfecane) naba Tombu (August 27, 1827). Badudunyiswa a Batwa babekiswa e Gqili.

1828.—Aba Tembu kunye nama Gca- leka asa xikixana ne Mfecane. lyalandelisa eyase Mlungwini imikosi—-abelungu nama Lawo—eyaya yamcita u Matiwana malunga ne Baziya e Mbashe, • pezulu. Eyase Mlungwini yayipetwe ngu Major Dundas (u Dondashe), Kunyakana kwabulawa u Tshaka ngu Dingana (September 23, 1828,) nge 23 September, -1898 nonyaka, uyakuba ' minyaka imashumi asixenxe (70) efile u Tshaka. U Ngqika utumele amadoda emka ngenyawo ukuya e Kapa eya kubulela uncedo lokupetulwa kwe Mfecane. Aya kufika e Kapa nge 5 November, 1828, waye naye u Ngqika engasena mpilo intle ngezomini. Inyatelo lokuqala lokupalianyiswa komteto ontsundu, ngokwenziwa komteto ekwatiwa yi *Fiftieth Ordinance,* umteto wokuba ama Lawo apatwe nge- , mpato yaba Mhlope, lenziwe ngalonyaka ngemizamo ka Dr. Philip, uyise ka Rev. T. Durant Philip, lo ubeke ese Dikeni. Oko kukuti ama Lawo aminyaka imashumi asixenxe enziwa abelungu. Kwati kanti kukubujiswa i kwawo oko, kuba asuka ajika ayicekisa imidaka yakwa Xhosa akuva ukuba mnandi kwe Blantiveni, afa ke apela. La akoyo asele ngama Bastile ane gazi lama Xhosa nelama Ngesi. Yena umfundisi omkulu lowo wenza umsebenzi omkulu, omhle, ngoko akana tyala yena.

AMANANI EMALIKENI

____ -tM -____

E QONCE.

Ngolwesi-Tatu, May 18.—Inyama yenkomo 3}d to 6d ngeponti, Inyama yegusha 3d to 7d ngeponti, Ibhotolo 1/9 ne 2/6 ngeponti, Amaqanda 1/3 ne 1/9 ngedazina, Irasi 2'9 ne 3/-leponti, Ihabile 2/4 ne 5/9 nge 100 leponti, Amatapile 7/1 ne 8/6 nge 100 leponti, Umbona 7/3 nge 100 leponte, Amakaba 1/2 ne 1/7 nge 100 leponti, Inkuku 1/6 ne 1/9 inye, Amadada 2/4 . ne 2/6 inye, Amatanga 2/- ne 5/- nge dazani, Inkuni 11/-ne 43/-ngeflara.

—- - ....— - ■ - c

Kwi Tole le " Mvo."

Namhla kuya kufunyanwa into eni* ' nzi ye " Ndaba," " Umsebenzi Wama' nkazana kweze Lizwi," " Imiteto Eli* shumi Yendlu," neze " Tyalike ne < Zikolo," kwakunye neze si Ngesi ne Zaziso.

Inkonkobe nentaba ye Gqira bezimhlope likepu kule veki.

Siva nbabi ukuba uknsweltka kwendawo kusinyanzela ukuba sishiye ngapandle kwe. lanamhla into eninzi yendaba ezimnandi, kwane Beta zaba bhaleli ku Mbleli.

Ngomso, 19 May kukunjulwa nkunyuka kwe Nkosi. Yiholide.

I Rulaneli enkuln yase Kanada u Lord Aberdeen iroxile esitulweni.

Inene elingu Tom Hare, lebandla lama hlati Jizidubule ngo Mvnlo e Bbai. Isizutu asaziwa.

Umzi udubatekile e Lusutu ngokusnka isixenxe eipela sabafazi abancinane baka Rotolo sifable, kutiwa basing* ngase Rubulu.

Inkumbi ziyanconywa e Tyume,

Ukuzigcobisa

l-KRIKITI.

JOHANNESBURG.

Kutiwa namhla i Johannesburg CC iyi hlutiwe indwe yi Standard CC yasi Doornfontein. Asazi, kuba kutiwa seyizi kuhlala i Barnato Cup Tournament Com mittee. Siva ukuba lyayilwa ngo Messrs Buhlungu no Chake. Akuko! Ro-r< Bhai!

EKAPA.

I club ekutiwa yi "Actives C.C.' ivale i season nge Easter Holidays Yeyona club iyakomelela, kuba ine Pro ezivela e Bhayi, into zo Ngwana, Baart Konyana, Nezo, Gxoyiya, Ncapayi nc Mermani ezivela kwi Eastern Districts I captain yayo ngu Mr. Julius walapa (Kana, Siya kulindela amanqaku kuk club next season ; kube kwafika no Mr Mhiabi wase Kimbili, owaye yi captain ye Kimberley Team ngo 1892 eQonce;

EAST LONDON.

Kuqubisene apa ngomhla we 14 ku May ezi club—i Five Great Poweis CC ne Gaika CC. Kungene kuqala i Gaika CC, Yatumela into ka Tiki neka Lamani. Ite into ka Sandile, i captain ye F G P CC, —"Kekaloku makwenkwe am kanenze i short work, nixele mblana navalela i Willows CC nge 14 runs, yapela yonke i eleven ngeso sikora." Utsho wati um ntwana ka Sandile—Ndiyinika wena J J Rashe nawe I Cetyana ibhola. Kute ku- ngabanga mzuzu mkulu yapela i Gaika.

* * «

Au, camagu nkosi yam ! Zangena izigebenga mfondini ze F G P CO ezigqiba i club rase Monti ngokuzidla. Kungene into ka ka Nqoro neka Theo Gosa, zatsho kamnandi zombini, yabuya eka Gosa, Au, bafondini! saya isigebenga sika Salai batsho kaknlu nento ka Nqoro, yabuya into ka Nqoro. Mandise udisiti, yadliwa ngoko i Gaika nge 12 runs nange wickets ezimbini. Nanzi ke izikora:—

Gaika CO.—Tiki b Rashe 4, Lamani b Rashe 0, Tutu stpd Mbiji b Rashe 7, Nwe- ba stpd Mbiji b Sandile 7, Gxaleka stpd Mbiji b Cetyana 0, Maigas b Cetyana 0, B Maigas b Sandile 9, Matadi b Sandile 0, Mgcokoca b Nqoro 3. Maziko b Nqoro 10, Bukashe not out 0, Extras 2, Total 33.

Five Great Powers CC.—Gosa b Maigas 0, Mancapa b Tiki 2, Salai c Nweba b Tiki 18, Rashe c Bukashe b Tiki 1, Siyolo c Matadi b Tiki 0, Mbiji c Lamani b Tiki 9, Sandile run out 2, Nqoro b Tiki 10, Mali b Maigas 0, Bleki not out 0, Cetyana not out 0, Extras 3, Total 45.

« « «

[Ababhaleli balomhlati siyabavusa ukuba xa betumela indaba babeke izitampu ezaneleyo ezinewadiui, kufuti slbhatala ukukupa incwadi ezibanjiweyo.—ED.]

I Transvaal itumele umkosi ukuya kuba mba inkosi u Bana, obebizwe ngokubuiala induna yake enkulu u Mbopa, wala '

U Landipasi uvake pantsi kwa Ntselamanzi ngase Lovedale.

Tsinala yase Mtwaku kutiwa isavaliwe ngenxa yefiva.

Intombi ka Mn Barber wangase Cradock itshele ebedini; beeekukangelwe ukuba itshate.

Inkalu Yomzi wase Qonce ilungiselela umgoobo wokadumisa umhla we Nkosazana ngo 24. Kuyakubetwa igubu ngama joni e Malikeni.

E XUKWANE.—Abaqubi be ngxushungxushu yokwahlula amabala babhalele ku sibonda u Mayi Ntlokwana, be^azisa ukuba batumela umntu wabo kulo lali yake; kodwa yena ubanike inteto eqavi- leyo yobudoda, yokuba seleno mfundisi wake (i Free Church). Xa ngaba kuqu- tywa into elungileyo akusafuneki wumbi,

ICEBO NGESIFO.

IsiFO SAMATUMBU.—Kwinyanga zehlobo abantwana bakatazwa zizisu, bafane Iwe ke kukunyanyekelwa. Masiti isisu sakufumane sikululeke, scza icepe le Caster Oil, kwaye oko kuruda kuya kunqumama ngapandle kokusebenzisa eyiyimbi into. Ukuba akunqumami, elika Chamberlain le Cholera nokuxa- xaza malinikwe lonke ixesha amatumbu asa xuxuzelayo.

ABANTWANA ARAPUMA AMAZINYO—Ba- dla ngokukatazwa luxaxazo apa oliinga- nyangekiyo kakuhle, njengokuba imba ngi yoko ingena kususwa. Uxaxaz> Iona lunako ukunyangeka ngokusebe- nzisa elika Chamberlain le Sisu ne Cholera, kunye ne cepe le Castor Oil ukuhlamba imibilini.

UKUSETYENZISWA KWALO.—ABANTWANA ABABUDALA BUNGAPANTS1 KWEM1NYA- KA EMIBINI—Tabata i tea spoon yeyeza ne tea-cup ezeleyo yamanzi aneswekile, uze ke umnike i tea-spoon ezeleyo ibe nye okanye zibe mbini ngexeeha elinye, xa amatumbu angasebenzi kakulu. Kwintsana ezibudala bungapantsi ko mnyaka mazinganikwa ngapezu kwe tea-spoon yeli yeza ngexesha elinye Litengiswa ngabarwebi bonke, Lumsden & Co. wase Qonce unal kakulu.

Native Opinion & Gaurdian

WEDNESDAY, MAY 18, 1898.

A BANK FOR NATIVES,

JOHANNESBURG paper an-
Announces that a Company has been inaugurated for the purpose of establishing a Bank for Natives in that great labouring centre. The step in this direction seems to have been prompted by the pressing necessities of the Native labourers in the mines, and appears to us one eminently calculated to safeguard the interests of the Natives. If we are correctly informed, there are no Banks in which a Native can deposit his hard-earned savings in the Transvaal, a thing which is not to be wondered at since the Government is careless and callous of the interests of all save of those whose luck it was to be born by *voortrelckers* and their descendants ; and if such be the case in regard to the Uitlander " green tree," the fate of the *schepsel*—the Native—may be imagined than described. A company has, therefore, come forward to undertake a duty which elsewhere is discharged by the Government towards the labourer, and the thanks of our people are due to the gentlemen who have so generously laid their heads together and come forward with a scheme to benefit and advantage them. As is ways the case in such philanthropic work, the good will not be confined to the advantaged only, but the promoters will thereby be great gainers, if not all at once, then by-and-by. For immediately it gets to be known among Natives that the whites are doing all in their power to befriend them, and that all cause for anxiety in regard to the safety of their earnings is no more, many, who now fight shy of the Goldfields because of its forbidding laws and regulations, will flock thither, and, as perhaps, a remote contingency, with the adoption by our people of civilised modes of life, greater prosperity will reward those devoting themselves to the helping on and uplifting of their fallen fellow-men. Still, there is this to be borne in mind. On the one hand, it will take time for the institution to secure the confidence of the Natives, especially if it has >o Government guarantee. On the other hand, the generality of Natives have yet to be taught that it is safer to deposit money in banks than to trust to lock-ing it in boxes, where it is an easy prey to burglars ; or to the equally risky experiments of burying it in the veldt. It will take time, too, to convince them that the wisest thing is not always to convert savings into cattle, sheep, goats and other stock, liable to be swept away as cattle have been swept away by rinderpest. Then again the Native has yet to learn that stock farming and agricultural farming are but means to an end and not the end in themselves—the end being to get money which one can conveniently apply to all and everyone of his returning wants. It is important, moreover, that our people should early recognise this, since shortly their reserves will not bear much stock, and people will more or less have to depend upon improved modes of agriculture, selling produce to bank the produce in savings banks. At present our people are naturally ill-at-ease with money because it is liable to be spent or lost, or stolen. It need not be so if they know that it is safe to keep it in banks. Nor are the foregoing the only obstacles to their taking readily to banking their saving's. The bulk of the people are not educated, and cannot understand bank-books and) all the paraphernalia relating thereto. It will be said that there must be others able to read and write to help them, but there are many fools and rogues among those who can read and write. Here is an argument in favour of the deffusion of primary education by the State as widely as possible among Natives also. Nobody is injured thereby but everybody stands to gain by the conversion of the large raw material, bringing little or no grist to the mill of the community, into effective citizens. With these observations we heartily commend the step taken in Johannesburg to form a bank ostensibly for the Natives, and wish the project unqualified success.

THE MINISTRY.

THE SPRIGG Ministry, which occupies the position of a fifth wheel to the political coach, has emphasised this fact by going through a crisis without much public interest being evoked, excepting among those personally interested. During the week, Sir THOMAS UPINGTON resigned, and Mr. T. L. GRAHAM sworn in without much ado ; and a day or two after, Dr. TE WATER resigned the portfolio of the Colonial Office, ostensibly because he is unable to support the Redistribution Bill. The probability is that Dr. SMARTT will come in. Last Session the Ministry was saved on a direct want of confidence motion by the Speaker's casting vote, some of those who supported it being its avowed opponents, who were so frightened by the introduction of the motion that they were unable to make up their minds in time. Mr. INNES just now occupies the mosi powerful position in politics, as the balancing factor, and rival leaders know it. Mr. HOFMEYR knows it; and sojloes|Mr. RHODES, Sir GORDON being a negligible quantity. Mr. INNES has been invited to join, and efface himself. He has wisely declined. Of course the party which gets him would be strong. But we think that if he stands out a little longer, he will shortly be in a position to enter office as Prime Minister of a Ministry after his own heart, supported either by Mr. HOFMEYR, who is prepared to do anything in his power bo keep out Mr. RHODES, or by Mr. RHODES, since he himself is impossible, as his personality still divides men who should work together. Sir GORDON SPRIGG, his lieutenant, is admired by neither party. In these circumstances, then Mr. INNES is the hope of the country. It is well that the South African Political Association have seized the idea, and are dropping the timid policy which kept them long from rallying a middle party of moderate progressive and clean men.

A WOLF IN SHEEP'S CLOTHING.

IN the colour campaign between White and Black, for which America has acquired an unenviable notoriety, and which we regret to see some introducing into this country, we sometimes read of accounts of Black men falling foul of other black men and murdering them. Our recent files of Negro papers have articles strongly resenting such stories, and stating that these assailants are white men in black disguise, with the object of murdering the Blacks. Precisely the same thing is being resorted to in politics in this country. In the political campaign against Mr. SAUER, in particular, and the members of Parliament who have always espoused the cause of tjie Natives in politics in general, the League has resorted to the device of voicing Native opinion in the vernacular, disguised as a Native, and is vehemently endeavouring to pulverise- the friends of the Natives, in the- hope that Natives may suppose that- it is other Natives that are doing this. The people are, of course, being duly warned o,f this, and all this manoevr- ing may deceive the superficial—an exceedingly exiguous class among the Natives. The device is too utterly too too transparent to deceive our people, and those w ho resort to it may depend upon it that a day will come when they shall be called upon to account for such deception. It seems that among other things, our people have to look out for wolves in sheep's clothing.

OMINOUS.

TWO speeches, delivered by the two leading statesmen in the British Government to-wards ibe' 6iid of last week, are carefully calculated to prepare the citizenA of the Empire to prepare for the worst. There mu st be some hitch in tho negotiations witb other powers to cause Lord SALISBURY, than whom there is no more moderate man in his Government, speaking to a meeting of the Bankers' Association on Wednesday last,to say that he vi'ewed the present situation most gloomily, and to urge that there was great necessity fair increasing the national defence. Mr. CHAMBERLAIN, a few days after, spoke at Birmingham, and took the nation, even more than Lord SALISBURY into the confidence of the Cabinet. He stated outright that the foreign situation was serious and critical, and the time was perhaps not far distant for an appeal to the patriotism of the people. Great Britain stood alone; it was therefore the duty of the whole Empire io draw closer; and their next duty was to draw closer to their American kinsmen; in any way it would be cheaply purchased if an Anglo-Saxon alliance could be formed. Continuing, he said that the situation in China was extremely unsatisfactory. Great Britain was unable to declare war against Russia without an ally. Their interests in China were so enormous that no more vital question had ever presented itself to the Government, and unless the fate of China was to be decided without England, the latter must not reject alliances. It is generally considered that the situation is very grave when the most responsible members of the Cabinet are told off to speak in this way. Behind Russia is, of course, France; and both these Powers have of late shown a disposition to flout England; Germany is in the sulks because England would not enter the Trippie Alliance, but the only consolation is in an unexpected exhibition of good feeling by the German Emperor towards Great Britain. Developments of the situation will be awaited with keen, if anxious, interest

Topics of the Week.

WE regret pressure of space compels us to hold over a quantity of interesting matter and correspondence.

THERE has been nothing very special to note during the week in connection with the War, save the report to which not much attention has been paid, that the Powers, feeling the effects of the dislocation of business the War has brought about, are already thinking of applying for the cessation of hostilities.

THE negociations touching the exodus of Fingoes to Rhodesia appear to have been bungled through false representations. The Fingoes were under the impression that the land was being given to them in the same manner as Fingo- land was given to them by Sir WALTER CURRIE in 1864. But at the meeting with Mr. THOMPSON it transpired that they were required for the purposes of labour and of defence. This changed the whole aspect of affairs; and the Company has to satisfy themselves with taking the "lame and the blind " to fill their country.

CAPTAIN VELDTMAN, in the course of the parley with the Fingoes on Friday, made a statement which will astound idolaters of the Labour Clauses of the Glen Grey Act. He was arguing that the Fingoes should be allowed to go up with certificates of exemption from the Labour Tax. As we know, Mr. THOMPSON was unable to entertain this request, as it would have defeated the main object of the offer, viz., the labour supply. Captain VELDTMAN said that all the men had been to work, and that the Labour tax had nothing to do with their doing so. This is what we have always maintained, and a confirmation thereof, coming as it does from one in Captain VELDTMAN'S position, is very valuable, and should silence ignorant babblers about the advantages of the Labour tax in forcing Natives to go out to work.

COMPLAINT having been made by Mr' T. B. King that the League was being exploited t« further the interests of a certain railway route, Mr. CREWE has written that " in no way has the League machinery been used to further the interests of East London by pushing forward the coast line of railway."

Mr. T. B. KING in the *Cape Mercury* and the *Watchman* have, however, proved up to the hilt that a League meeting was held, the resolution carried being that "Colonel BRABANT be asked to vote for an upper line through the Transkei, as that was a necessity.' This was proposed by the Chairman of the branch, who indicated what was meant by a lower line by remarking that " if East London was ge- ing to be *the port* for inland centres and for the conversion of the farmers' produce into cash, it must bo connected by railways."

THEWATCHMAN VERY PERTINENTLY OB- serves : " In the face of the facts disclosed in the reports referred to, it will be difficult for the General Secretary of the League to maintain that " in no way has the League machinery been used to further the interests of East. London by pushing forward the coast line of railway."

This is not the only case in which the conduct of the League headquarters has been characterised by subterfuge. Not very long ago we received from that quarter a denial that the League, which professed friendship for Natives, had no designs on the Parliamentary seats occupied by Mr. Hay, Mr. Molteno, and other Members Natives have, by long practice, learnt to look up to for the defence of their cause in Parliament. But the ink was scarcely dry on the sheet on which the letter was printed when the announcement was made that Mr. A. FULLER, of whose standing the League Secretary cannot have been ignorant, was proceeding to Tembuland to prosecute his candidature, and now it has transpired that in Victoria East they are putting up Dr. KELBE. All this, despite League headquarter assurances. _____________

This is not all; elsewhere they discuss these seats with a singular carelessness of the assurances already referred to, proceeding in a style which made our people disgusted with Mr. SAMPSON'S tactics in the Tembuland election of saying.w.e thing to a European meeting ;and another to the Natives, the subject being one and the same.

IN regard to 'Tembuland, the League Secretary, who, by the way, stabs from behind the curtain, says they " suspect one or two *Imvo's* pet candidates of pro- 'Trarsvaal leanings, *and are therefore opposed to their being returned to Parliament. Notably* this is the case in Tembuland where *Mr. Molteno's* attitude gives cause for doubt." The Italics are ours. What Mr. CREWE told us a short while back was that Mr. MOLTENO was the only candidate and new he is to be opposed!

MR. HAY is requested by the League 'headquarters to be at ease and is thus patronisingly referred to" As far as we can gather, it is quite likely that Mr. HAY will be returned unopposed at Vic- toria East. Mr. HAY has consistently remained a follower of Mr. INNES, and has never shown any Bond proclivities.

